BU African Studies Center LANGUAGE PROGRAM, 232 BAY STATE ROAD, BOSTON, MA 02215 africa@bu.edu
www.bu.edu/Africa/alp 617.353.3673

# Imisebenzi

## Umsebenzi 1.

(a) Abafundi mabadlale umdlalo ( play) omfutshane ongeqhalo, elithi: "umntu ngumntu ngabantu." Ibali lenu malingafani neli benilibukele kwividiyo. Okubalulekileyo kukuba ibali lenu liphuhlise intsingiselo yeqhalo.

(b) Thiyani abalinganiswa benu ngamanye amagama esiXhosa, angengawo la akwividiyo.

(c) Xelani neentsingiselo zaloo magama. Yenzani nophando ngokubaluleka kokuthiya umntwana igama kwaXhosa. Niqaphela ntoni ngamagama abantu kwaXhosa? Thelekisani neyenu inkcubeko.

## Umsebenzi 2.

(a) Guqulela esiNgesini: 'Umntu ngumntu ngabantu.'

(b) Ucinga ukuba kutheni ingakumbi kwilizwe laseMzantsi Afrika elineelwimi ngeelwimi (multilingual) ukuba umntu nomntu afunde amasiko neenkcubeko (customs) zabanye abantu?

(c) Mvakalelo zini ezichukunyiswe leli bali kuwe? (Xoxa nogxa wakho okanye kumaqela enu).

## Umsebenzi 3.

Mamela le ncoko iphakathi kwaba balinganiswa babini kwividiyo, wandule ukuyiguqulela esiNgesini:

1. "Ndincedwa ngumyeni wam. Ina nantsi ifowuni. Nceda ufake igama lakho kwaneenombolo zakho. Ndenzela ukuba umyeni wam akubonelele. Uyabona? Hamba kakuhle."

## Umsebenzi 4.

(a) Ungumlinganiswa obebizwe nguMnu Magaqa ukuze kwenziwe umbulelo ngokuthi unikwe umsebenzi ngenxa yento entle oyenzileyo. Uyahamba ke ngoku ubashiya ngasemva nenkosikazi yakhe emva kokuba nithethile.

*Yithi ngesiNgesi:*

(a) Nisale kakuhle Mnu Magaqa nonkosikazi Magaqa.

(b) Ndiyavuya! Ndiyavuya!

(c) Ndifunde ndada ndayityekeza.

(d) Uphila yintoni mama xa ungaphangeli?

(e) Ndidiniwe kukuhlala elokishini.

(f) Umhle kangaka awufundanga?

## Umsebenzi 5.

Uyintombazana eqeshwe nguMnu Magaqa. Uncokola nomama wakho. Jonga ezi zivakalisi zilandelayo,wandule ukuziguqulela esiNgesini:

(a) Uyasebenza namhlanje mntwana wam?

(b) Ewe mama, ndiyasebenza. Andisavuyi!

(c) Ndiqeshwe nguMnu Magaqa.

(d) Uthi mninzi umsebenzi, ufuna umncedisi.

(e) Uthi uNkosikazi Magaqa umyeni wakhe uza kundibonelela.

## Umsebenzi 6.

Uziqaphele ezi zinto zikwezi zivakalisi zilandelayo kwinkcubeko yamaXhosa? Ukuba kunjalo. nika imizekelo,wongeze neminye oyifunde encwadini okanye oyifundiswe ngumhlohli wakho. Thelekisani nendlela enibulisana ngayo nenibuzana ngayo impilo kwinkcubeko yenu.

1. Ukubulisa yenye yezinto ezibalulekileyo kwinkcubeko yakwaXhosa.

2. Zininzi iindlela ndlela ekubuliswa nekubuzwa ngazo impilo kwaXhosa.

3. Ingaba uyaziqaphela ezi zinto kwividiyo? Zekelisa.

## Umsebenzi 7.

Nisebenza ngababini, qwalaselani ezi ndlela ngeendlela zokubulisa. Zidweliseni zibe ninzi nandule ukukhetha enizithandayo nezizathu zoko. Umzekelo:

A. Mama: Kunjani?

B. Intombi: Sikhona

## Umsebenzi 8.

(a) Nijonge lo mzekelo ungentla wokubuza impilo,xoxani ngezizathu ezibangela ukuba noxa umntu ebuza impilo kumntu omnye unako ukusebenzisa isininzi ngokunga ubhekisa kubantu abaninzi kumaXhosa. Kwenziwa yintoni oko? Thelekisani neyenu inkcubeko.

(b) Bulisa aba bantu balandelayo ubabuze nempilo:

(i) UVakele nenkosikazi yakhe

(ii) UNontombi

(iii) Abafundi

(iv) Umama notata

## Umsebenzi 9.

Zalisa izikhewu ngokuthi ufakele igama elifanelekileyo, wandule ukuguqulela esiXhoseni:

1. UMandisa … thenga … (clothes)
2. Intombazana ingena kwaMnu Magaqa, ithi, … (knock, knock)
3. UMnu Magaqa uthi … (busy)
4. Uthi unkosikazi Magaqa: Ndincedwa … (my husband)

## Umsebenzi 10.

I. Tongue twister

1. Khawuzame le’ tongue twister ‘ ekuncedisayo ukuba uziqhelanise nokubiza iqabane elingu ‘q.’

   Qala uqwalasele lo mzekelo okwincwadi yakho oyifundayo yesiXhosa.

   Iqaqa liziqikaqika kuqaqaqa lide liqhawuke uqhoqhoqho!

   Usayikhumbula intsingiselo yesi sivakali singentla se’tongue twister?’

2. Ingqotha—qikili yomntu onamaqhinga (a clever/cunning person)
3. Yagqolotha yaxhuma xhuma intombi yakufumana umsebenzi.
4. Lanqanqathek’iqaqa liqothaqotheka, lanqum’inqatha.

II. Wena nomhlobo wakho yilani (*create*) eyenu **‘itongue twister’[is this correct?]** esekelwe kwiqhalo elidlalwa kule vidiyo, nandule ukuyiguqulela esiNgesini.